

Imvo Zabantsundu.

(NATIVE OPINION.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d]

KING WILLIAMSTOWN

JULY 18, 1889.

[No. 244

ABATSHATILEYO.

PELEM DE YOUNG.—E Kimberley, ngo

June 11, 1889, kutshatiswe ngu Rev. The Hon. A. V. Lyttelton, M.A., u MESHACH PELEM no LENA FREDERICK DE YOUNG (late Bishopstowe, Natal).

MAGEZENI-NDARANA. — E Heald Town, ngo 9 July, 1889, kutshatiswe nge Rev. Ga a Kakaza u ROBERT LAMPLOUGH MAGEZENI, unyana womfi u Mr. Tom Magezeni no ELLEN NDARANA, intombi enci ka Mr. William Ndarana, wakwa Wezo, Fort Beaufort.

ABAZELWEYO.

KEBE.—E Katikati, ngomhla we 14 June, 1889, inkosikazi ka Mr. JOHN P. KEBE ibeleke Unyana.

ABABHUBHILEYO.

MYEKWA —Ndibika ngosizi olukulu ukubhubha kuka STOKWE MYEKWA, wase Bhoobhotyane, obhubhele e spatula, apa e Kimberley, ube ne fiva eyamqala Eskwatini e French Company, waza waya kubhubhela p Hospatala; Uhabhe nge 19th June, 1889.—TOM MMANGO.

LANDELLA —U ELIZA LANDELLA, intombazana ka ISAAC no SARAH LANDELLA, ibhubhe nge Cawa, 9 June, 1889; yayizelwe ngo November 10, 1885.

ISAZISO SIKA RULUMENTE, NO. 411, 1889.

I Ofisi yo Mpatiswa-Mhlaba Nemisebenzi e Kapa May 13, 1889.

EKUBEMI U Rulumente enikwa amandla, yinteto yesiqendu sokuqala so “ Mteto we Mhlaba Elahliweyo,” wesi 3 womnyaka we 18/9, njengoko ubuyekwezwe ngo Mteto wama 20 we 1887, ukuba makayisebenzise ayabe Imihlaba Elahliweyo ngabaniniyo ngoluhlobo luchazwa apa, okokuba :—

“ Xenikweni kuko Irafu Yomhlaba ebaniwa u Rulumente wale Koloni, ngendawo, mhlambi ngempahla efunyenwe ku Rulumente, engabhatalwanga kwada kwapela iminyaka emihlanu, yaza londawo mhlambi lomphahla yayekwa, yalahlwa, waza noyena mniniyo nokuba ngoqesbileyo, xa ngaba kunjalo, kwa nommeli wake ngomteto akafunyanwa, kuya kuyifanela i Ruluneli ukuba yenze isaziso ngalondawo, mhlambi ngalompahla, ixele ukuba ilahliwe kwi *Government Gazette*, nokuba kukulipina ipewa eyoqonda ukuba lifanelekile, kube kanye ngenyanga kwinyanga ezintatu ezilandelayo, kuzekuti ukuba pakati kwezo nyanga ntato zesaziso akafikanga umniniyo, mhlambi oyiqeshileyo londawo nokuba yimpahla, kungafiki nommeli wake ukuza kumisa ibango lake kuwo, aze alike ayibbatale lorafu ilityala, koti ekupeleni kwezo nyanga zintatu zikankanyiweyo i Ruluneli iya kuyitabata londawo nokuba yimpahla, ibe yeyayo, ize iyisebenzise nangawupina umteto wolohlobo owoba uko apa e Koloni ngeloxesha; kodwa ke, amaxesha onke, ukuqutywa kwalo mteto ukankanyiweyo, maze ulungelelane nezahluwana ze sibhozo, nese sitoba, nese shumi, zo Mmiselo wesi 9 womnyaka we 1884, ukuba ube ngumhlaba obambisileyo, nokusetyenziswa kwemali zawo zivumelane nalowo mteto.”

Apa ke kwaziswa bonke abantu sekutshiwo; njengoko sekutshiwo; ke u Rulumente uya kuyitabata ibe yeyake ugo 1 December, 1889, ukuba ayimenywangwa kwangapambi kwelo xesha, zaza zahlaulwa irafu ezingamatyala ku Mantyi weso siqingata, njengoko kubhalwe ngako kwesi siqingata salomteto.

F. SCHERMBRUCKER, Umpatiswa.

Umhlaba okwa Gaga, kwi Siqingata sase Victoria East, okutiwa ulahliwe ngabaniniyo.

No.	Igama lomniniyo ekuqaleni.	Ixesha lokunikelwa kwe Tailite.	Ipepa kwi newad Zakomkulu	Ukuchazwa Komhlaba.	Ubukulu.	Irafu ese lityala.	Le rafu ilityala iqala ngo	Wagqityelwa ukwe gama.
SOMNGESI— Ngomhla we 17th June, 1889, kubhubhe u ELISINA SOMNGESI eRini. Ubudala baka, 15 years. Abahlobo mabamkele lowo mbiko. Izihlobo zomfikazi zibulela umsebenzi owenziwe ngu Mr. J. B. Magwaca ngexesha lobunzima.								
1	Pagati	30th May, 1862	1700	Garden lot 1, Ely ...	M. sq rds	£ s. d.	Januarv 1883	Pagati Gebengana
2	Gehengwana ...	25th January, 1867	3707	Garden „ 3 „	3	3 0 0		Xakaxa Dingane Do.
3	Xakaxa	30th May, 1862	1703	Garden „ 4 „	3	0 4 10 0 12		Sibindi Do.
4	Dingane	Do	1705	Garden „ 6 „	3	6 2 10 0 0	1880	Hans
5	Do.	24th February, 1863	2307	Garden „ 4 „	3	12 6 2 10 0		Notoi
6	Sibinde	10th Sept., 1874 ...1	3646	Building „ 4 „	3	5 10 0 3 0 0	1884	Waqu
7	Do.	Do	3647	Garden „ 12 „	3	3 0 0 0 15 0		Sengetwa
8	Hans	30th May, 1862 ...	1714	Building „ 10 „	3	3 0 0 0 15 0		Do.
9	Notoi	12th February, 1874	3617	Garden „ 17 „	3	3 0 0 0 15 0	1878	Seneka Do.
10	Waqu	30th May, 1862 ...	1717	Garden „ 16 „	3	3 0 0 0 15 0 3	1883	Bulana D?
11	S'ong'twa ...	Do	1721	Garden „ 21 „	3	10 0 3 10 0 3		Ziba Do.
12	Do.	4th February, 1863	2222	Garden „ 25 „	3	0 0 2 10 0 0		Mashalaba
13	Seneka	30th May, 1862	1722	Garden „ 5J „	2	12 6 3 0 0 3 0		Sinyikangika Ncanda
14	Do.	4th February, 1863	2228	Building „ 26 „	3	0 2 10 0 4 0		Mpetsha Do.
15	Bulana	25th January, 1878	3708	Garden „ 26 „	3	0 4 0 0 3 10		Magabaza
16	Do.	Do	3709	Building „ 3 „	3	0 3 10 0 2 10		Sijjendu Banj wa
17	Mashalaba	Do	3711	Building „ 29 „	2	0 0 12 6 3 0		Mangala Neola Nelani
18	Sinyikanyika ...	Do	3712	Garden „ 46 „	2	0 0 15 0 3 0		Sogwagile Kuba
19	Ncanda	25th May, 1873	3477	Building „ 2H „	3	0 2 10 0 2	1882	Zweni
20	Mpetsha	30th May, 1862 ...	1746	Garden „ 48 „	2	10 0 2 10 0		Do.
21	Do.	4th December, 1873	3610	Building „ 50 „	3	2 10 0 3 10 0	1883	Songa Do.
22	Mgabaza	30th May, 1862 ...	1757	Garden „ 55 „	3	4 0 0 5 10 0	1884	
23	Sijjendu ...	1st February, 1863	2214	garden „ 55 „	3	1 7 6 3 0 0 0		18&3
24	Banjwa	23rd May, 1873 ...	3181	Garden „ 61 „	2	15 0 2 10 0		1884
25	Magala	30th May, 1862 ...	1766	Garden „ 61 „	2	0 12 6 3 0 0		1884
26	Neola	19th December 1873	3614	Building „ 7 „	2	0 15 0 3 0 0		1881
27	Nelani Sogwasile	30th May, 1862 ...	1770	Garden „ 69 „	3	0 15 0 3 0 0		1882
28	Kubi	Do	1772	Garden „ 70 „	3	3 10 0 3 0 0		1884
29	Zweni	23rd May, 1873 ...	3183	Garden „ 71 „	2	3 0 0 3 0 0 2		1884
30	Do	30th May, 1862 ...	1774	Garden „ 75 „	3	10 0 2 10 0		1883
31	Tonga	14th December, 1874	3666	Garden „ 77 „	3	2 10 0 3 0 0		1883
32	Do	Do	3667	Garden „ 78 „	2	4 0 0 10 0 3		1884
33	Gnpani	12th February, 1874	3618	Garden „ 79 „	3	10 0 0 17 6		1884
34	Magnaha	30th May, 1862 ...	1780	Garden „ 83 „	3	2 10 0 2 10		1884
35	Damon Nyamazana	Do	1782	Garden „ 83 „	3	0 3 0 0 0 15		1882
36	Mashalaba ...	23rd May, 1873	3484	Building „ 86 „	1	0 3 0 0 0 0		1882
37	Mashalaba ...	16th February, 1882	3785	Garden „ 87 „	3	15 0 3 0 0 0		1881
38	Gqeba	20th July, 1874 ... 30th	3645	Building 71	3	17 6 3 0 0 0		1879
39	Mabeganjana	May, 1862 ...	1791	Garden „ 89 „	3	15 0 2 10 0		1882
40	Ndyalosi	Do	1792	Garden „ 92 „	3	0 12 6 2 10		1883
41	Do	1st Novemb'r, 1875	3685	Garden „ 94 „	3	0 0 12 6 2		1883
42	M'qobo	Do E	3676	Garden „ 96 „	3	10 0 0 12		1884
43	Do	30th May, 1862	1803	Garden „ 98 „	3	2 10 0 0 12 6		1883
44	Bnlana	4th FebtUary, 1863	2219	Garden „ 99 „	3	-13 0 0 -0 15		1883
45	Do	25th January, 1878	3717	Garden „ 106 „	3	2 10 0 0 12 6		1883
46	Quabai	Do ...	3718	Garden „ 106 „	3	0 -300		1883
47	Do	Do	3719	Building „ 3 J	3	2 io o		Batani
48	Tonga	Do	3710	Garden „ 110 „	3			Smonse Gaze
49	Konjwa	21st December, 1875	3695	Garden „ 110 „	3			Mpanble Do.
50	Sovio	Do	3696	Building „ 21 .	3			Willem Kalala Langa
51	Bucwa	30th May, 1862 ...	1808	Garden „ 112 / „	3			Gelegwana Do.
52	Gambana	24th February, 1863	2306	Building „ 91 „	3			1882
53	Langeni	30th May, 1862 ...	1809	Garden „ 114	3			1883
54	Ndingana	30th May, 1862	1823	Building 9 „	2			Umtsini Do.
55	Batani	Do	1829	Garden „ 115 „	3			M'tuli Do.
56	Smonse	Do	1840	Garden „ 115 „	3			Gqokoma Do.
57	Gaze	30th May, 1862 ...	1841	Building „ 4 „	4			i Feubata Sifanelo
58	Do	Do	1841	Garden „ 116 „	3			Do.
59	Mpanble	23rd May, 1873 ...	8713	Garden „ 116 „	3			I Frans Utimkulu Do
60	Do	25th January, 1878	1370	Budding „ 5 „	3			M'tsimango Puta Do
61	Willem Kalala	15th Januarv, 1862	1375	Garden „ 117 „	3			Ntsimango Do.
62	Gelegwana ...	Do	3458	Garden „ 132 „	3			Magebe
63	Do	23rd May, 1873	3529	Garden „ 138 „	3			Yawa Mafu
64	Ufile	3rd July 1873	1577	Garden „ 148 „	3			1882
65	Do	4th April, 1862, ...	2289	Garden „ 149 „	3			1884
66	Tafeni	24th February, 1863	1583	Garden „ 153 „	3			1883
67	Umtsini	4th April, 1862-	1405	Garden „ 81 „	2			1883
68	Do	3rd April, 1865	1407	Garden „ 20, Victoria...	3			1882
69	M'tuli	Do /	2310	Garden „ 25 „	3			1883
70	Gqokoma	24th February, 1862	1408	Garden „ 27 „	3			1883
71	Do	3rd April, 1862	2309	Building „ 2 „	3			1884
72	Fumbata Sifanelo ...	24th February, 1863	1423	Garden „ 144 „	3			1883
73	Do	3rd April 1862	2333	Building „ 2 „	3			1884
74	Do	24th February, 1862	1216	Garden „ 170	3			1883
75	Frans Utimkulu	31st December, 1861	1992	Building „ 2 „	3			1884
76	Do	2nd December, 1862	1241	Garden „ 170	3			1883
77	M'tsimango Puta	8th January, 1865 2nd	1989	Building „ 3 C „	3			1883
78	Do	December, 1862 23rd	3501	Garden „ 66 „	3			1884
79	Ntsimango Do.....	May, 1873 ...	3551	Garden „ 3 I „	3			1883
80	Magebe	3rd July, 1873	3654	Garden „ 82 „	3			1884
81	Yewa Mafu ...	14th December, 187	3655	Garden „ 82 „	3			1883
82	Do	Do	3656	Garden „ 03 „	3			1883
83	Do	Do	3657	Building „ 10 „	3			1884
84	Do	Do	3676	Garden „ 103 „	3			1884
85	Do	Do	3677	Garden „ 9 „	3			1884
86	Do	8th May, 1875 ...	i 3677	Garden „ 75 „	3			1884
87	Do	Do	3691	Garden „ 108 „	3			1884
88	Do	21st December, 1871	3692	Garden „ 108 „	3			1884
89	Do	Do	3704	Garden „ 108 „	3			1884
90	Do	13th February, 1877	3741	Garden „ 108 „	3			1884

INCWADI KA GOWIE echaza konke entlako ye 1889, seyilungile.

KWA
W. & C. GOWIE,
GRAHAMSTOWN.

BON MARCHE

[Apo Kutengiswa impahla entle ngamanani angemakulu],

E-GRAHAM’S TOWN.

Saneke ltyali ezitshipu kanye, ifishini ezona zintsha, ziqala kwi 3/- inye. Ikaliko Emhlope ne Brown, iqala ^2.5. yd.

Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala 4.5d. yd.

Ezona Ntlobo zintsha ze Print, 3d., 4.5d, ne 6d. yd.

Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala 11- inye. /blanket zoboya ziqala 5/- inye.

Amabhayi 2/- lilinye; i Cotton Sheets 116 inye.

YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZII!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela ziqgqitiseleyo, yi Ledi esand’ ukuvela e-England.

INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye.

IBHATYI ZE KODI, ziqala 10s. inye.

IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. 11d. inye.

IBHATYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye.

ISUTI Emhlalayo umfana ifishini entsha, 21s. IHEMPE, 1s. inye.

Oze kutenga apa ngokwalatiswa yi “Mvo” maze akuxele oko ukuba utenge ngexabiso eligqite kwi ponti enye (£1), uyakubuye ayinikwe isheleni ng eponti nganye.

JOHN W. BAYES & CO.,

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,

GRAHAM’S TOWN.

KUMAFAMA ANTSUNDU

KUFUNWA ukwanana ngegusha (indlezane namatakane) ihashe (inkabi) engengapezulu kwesitandatu semi nyaka ubudala.

T. J. BRAGG,

Weza, Willowvale.

W. McGLASHAN & CO.,

(MAGALA),

E-DIKEMI.

BAHLALA benezona mpahla zokunxiba zintsha ezona ntlobo i zipilileyo ze Printi, i Satin, kwane Drillettes,

ITYALI, IZIHLANGU, NE NGUBO,

Zonke intlobo Zabatshatayo Kwesi Siqingata,

Ngamanani alungele bonke abatengi. Impahla yabo ifika ngazo zonke iveki ezimbini; kengoko impahla yabo ihleli intsha ifika.

Ufuna into ezipilileyo, ngawona manani alula yiya kwa

W. McGLASHAN & CO.,

E-Dikeni.

Banika awona manani apakamileyo ngo BOYA, IZIKUMBA, IMFELE, UBOYA BESEYIBOKWE njalo-njalo IZILIMO zitengwa ngamani ase Markeni.

BUZANI

Kwi venkile zangapandle enilunge nazo Impahla engaba

ziyitenge

J.P. JAMESON & Co

e QONCE (Kingwilliamstown),

Ezinjengo zi Blankete, Amabhayi, Ingubo zokunxiba,

Izihlangu, Ihempe, ne Qhiya.

— UNGAMLIBALI —

J. P. Jameson & Co.

Kuba ingubo zabo zitshipu zilungile.

IMVO ZABANTSUNDU (NATIVE OPINION).

[JULY 18, 1889.

Umenzi Wezihlangu.

MNA ogama lingasezantsi ndiyazisa kubo bonke, abakufupi nale Dolopi okokuba ndingumenzi we Zihlangu ndaye ndingabizi kakulu ugoku lungiselela amaxesha, umsebenzi ndiwenza ngoknkawuleza nange nyameko kunye yonke into esakuba itenjelwe kum.

J. P. MANYISANE, Shoemaker.

Barkly East, 31 May, 1889.

Bonisani Mawetu!

NDILAHLEKWE lihashe lam. Limhlope, lihashekazi, lifupi alina lupawu, upawu lose lapupini olungase kanene—luqekekile ngapambili. Uncedo mawetu, lihahleke ngomhla we 26 June, ngokuhlwa, e Cem. Elihashe yimbaleki, yimini endandiqala ukulikwela lomini lemka. Alibanjwa ngapandle kokulibiza ngombona. Lipapile kakulu.

ELIAH T. S. BANGAZI,

Springs.

ISAZISO.

NDIYA wazisa umzi wakowetu Ose Maxhoseni, Embo, e Natala nase Dayimani, ukuba mna, ugama lingezantsi, ndivule Ikaya Labahambi apa. Yeyona ndlu ikufupi ne Railway Station, e Kowie Street, kufupi ne bhuloro ekutiwa yi Dundas Bridge, apo nofumanisa kona impato efanelekileyo, izixhaso nokulala okufanelekileyo, ngamanani apantsi kakulu. Kuko nesitali samahashe esine groom epapame kuneeue,

ROBERT XHOLLA, Kowie Street.

Graham’s Town, 28th June, 1889.

BANTU BASE RINI?

BONISANI umfana ontsundwana orwanqana, igama ngu CUMMING BELE VAZI wase Ncemera (e Peeltton). Iminyaka ise sixenxeni engasibhaleti, samgqibela ese Rini. Omnakanayo mabhalele ku MARY BELE e Qonce nokuba ku Mhleli we Mvo.

I ADDRESS ”

Kubo bonke abahhalelana nam :— Samuel J. Mbanjwa, Cape Police, Barkly East.

BANTSUNDU!

Bantsundu! Bantsundu!

NALI iculo lika “ Folokoco ” lingelilo Elamaqaba Umqolo we Namba, kodwa elika Folokoco yedwa.

Lilo eli Kuka Venkile apa e King, Kekalok’ impahla yayo Ikup’ ezezinye everything, Kumbulani Ivenkile leyo.

Umniniyo utiywe ngamakosikazi Ngapandle komteketiso Ngu Folokoco, —Manenekazi Yizani ninqwenise iliso.

Zityal’ ezeta zaba Tshakazi, Ngokwenyani zihleli zodwa, — Amanene, namanenekazi S’thruu, inteng’ yetu iyodwa.

Zibhatyi, zihempe, neminqwazi, Nebhulukwe zezisikiweyo,— Zonk’ impahla zamaledikazi : Ngenene zezifanelekileyo.

Siti kwaba batenga kade Ninga dinwa zihlobo zetu Kude ku bengu napakade Nitenga kweya kowetu.

Ningayilibali indawo ekuyo Inkumba ka FOLOKOCO ngezantsi kwe Scotch Church, Kingwilliamstown, Apo niya kunibona kona u Mr. FOLOKOCO ngokwake (saluf).

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxazo, 1/6 ibotile.

COOK Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe. 9d. ibotile.

COOK Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile.

COOK Ezika Ipils. 1/ ngebokisana.

COOK Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile.

COOK Umciza Westepu Sabantwana. 6d ngebotile.

COOK Umgutyana Wamehlo. 6d ngesiqunyana.

COOK Umciza we Cesine. 1/6.

Niqondise ukuba igama ngu *G. E. COOK, Chemist,* E QONCE. kuba ngawenkohliso angenalo igama lake.

IZAZISO NGE “ MVO.”

Umzi wakowetu mawuyi qondisise kakuhle indlela yokuhlalela “IMVO ZABANTSUNDU” ukuba intlaulo Erolelwa Ikwata, xa ifike kwange nyanga yokuqala..... 3s. I Erolelwa Ikwata, ifike emva kwenyanga yokuqala 3s. 6d.

Kuvulelekile ukuba otandayo awuhlaulele wonke unyaka kwausaqala. Intlaulo yonyaka ifike kwa usaqala, 12s.

Ngangoko kunokwenzeka intlaulo itunyelwa nge Money Order efunyanwa kwi Post Offices.

Iveki.

E JOHANNESBURG kute ngenye imini apa kwafunyanwa izidumbu ezitatu zabantu abantsundu ngakamngxuma ka Moodie.

EPENDULA umbuzo ka Colonel Griffith e Palamente, u Rulmente uvukalise ukuba azimisele ukuba ayifuduse e Ntlambe i ofisi ye nkulu ye mantyi kwelama Mfenga ukuba ibese Gcuwa.

NAKUBA kuyiminyaka emibini ngoku yakiwayo i Johannesburg, amangcwaba selekumakolu asixenxe. Kutelekelelwa ukuba kufa mayelana namashumi amatandatu abantu ngeveki.

U MR. ALEXANDER MACDONALD linene elivela kwelama Ngesi, elizakufundisa kwi College entsha yakwa Rulumeni yokufundisa ukulima, ezakuvulwa e Rini.

UMHLA wolwesi.Hlanu olugqitileyo wawangowoqwitela olabi e Qonce.

SIBONA kugaleleka apa ipepa lika Mr. James Maungo, obeke ese Grass Pan! Stiding, via Belmont. Ngabanina ngandinika umkondo walo mnumzana ?

NGENYANGA ezayo ulindelekile umfundisi otunyelwa ngama United Presbyterians kwelakwa Jojo, e Maxesiseni. Igama lake ngu Rev. P. Hunter, M.A.

Kwi saziso esifuna u Titshala, esibhalwe ngu Rev. E. Tsewu wase Main, Tsomo, igama lomlambo wesikolo asilo Lora li Toru.

KUVAKALA ukuba esinye sezitora ezikala e Kokstad siyakuvulwa ekupeleni kwalo nyaka.

INKULU yombuso we Free State u President Reitz, iseluhambeni kwelo layo ihamba ihlola ukuma komzi.

IPEPA lendaba lase Mtata libalisa ezokanukwa kwesibini samadoda, ngapandle kwabeselenukwe kakade, ngendawo yokuba unyana omkulu ka Nkosi Unqwiligo chliwe ngamehlo. Litsho lililele ukuba u Ralumeni engangeni e Mampondweni kupele ezizinto.

SEKUMISELWE ukuba kubeko intlanganiso iya Bafundisi be Bandla lase Tshatshi e Clydesdale, Emzimkulu, ngo October ozayo —intlanganiso chlatyelwe ngo Bishop base St John’s nowase Zulaland, ekukangelwe ukuba kobako nabafundisi abapantsi kwe Bishop yase Rini, neyase Kapa, neyase Mgungundlovu.

INKOSI yaba Tembu, u Dalindyebo, izakutshata nentombi ka Makaala Inkosi yama Bhaca.

IKORANTI yase Kokstad ixela ezokwanda kwesi leperi kwabantsundu bakwa Tsolo.

IRULUNELI entsha yeli lipetwe e Kapa u Sir Henry Loch, ukangelelwe akufika ngo December ozayo. Usaye kufuduka e Australia.

KUMNGXUMA oyi Kimberley Mine e Dayimani, kufe isihlanu samadoda autsundu ngolwesi Hlanu olugqitileyo ngobudididi bokalinga ukupuma kwakuba kwapuke ilela. — UKUMBIWA kwendlela nokwakiwa komcancato e Cala, kuvakala ukuba kuhambiseka kakuhle.

UNYANA ka Mr. Gaylard ifama ngase Qumra, ugqityelwe ebusuku esipa amahashe, ufunyenwe selingamadakadaka kusile engasateti, kuranelwe ukuba makabe ukatywe lihashe.

U MR. SAUER ufumene ucingo ku Mr. Merriman, ose Transvaal, olumazisa ukuba elonene liya kubehle lifike e Kapa ukuze litabate isihlalo ealo kwi nkundla ye Palamente

ILAWU elingu Wellem December, lase Kambo, litsho endlwini ebusuku, libe lilele. Umfazi uzisindise ngokusuka avuke abaleke.

KUKO inteto yokuba umbuso wase Belgium uza kumba indlela ka Lolive pakati e Africa ekutiwa uya kuncedisa ukupelisa ubukoboka nokungenisa ukukanya kwelo. Lololiwe wosuka e Metazi aye e Stanley Pool.

INENE elingu Mark Reubenstein lilindiselwe Ijaji yi mantyi yase Johannesburg, ngetyala lokubulala umntu ontsundu ngo May.

ISIQINGATA sembambula yenyanga sife mnya na. njengiko bekulindelwe, ngobusaka bolwesi-

Hlanu

IXABISO le habile linyukile e Qince. Iyafika kwi 8/ ngekula.

NAKUBA sewamisiwe yi Palamente umteto opelisa itola pezu kwe bhuloro ye Ncina, yona isabizwa kuba kungekahlokoniyiswa saziso sakomkulu ngomcimbi lowo.

UMZI ontsundu ngewungayiyekeli amafama athlope odwa lento yengxoxo ngobusela, kuba exoxa odwa amafama apume namacebo asuke eze ngobukali kumzi wonke endaweni yokuzamana namasela. Ibhiyinto yokuxoxwa nangamawetu, atumele nawo amacebo ka Rulumeni.

IPOLISA lase Bethswana elingu Gilmore esasivukalise ukuba ligwetyelwe ukuxhonywa ngokubulala elinye siguqilwe isigwebo salo senziwa amashumi amabini eminyaka.

KUVAKALA ukuba itreni yololiwe osuka e Colesberg oya, e Bloemfontein ziya kubaleka zime nge Gqili pakati kwenyanga ka August.

U MR. M. J. LOUW obefudula elilungu le Palamente lomandla oyi Cape Division uLubhubhe ngo 7 July.

U MR. L. MARQUARD umiselwe akubayi nkulu yesebe lakwa Rulumeni elipete umsebenzi wokucanda imihlaba, endaweni ka Mr. Adam de Smidt opume ngokwalupala.

KUBE kuko ngolwesi-Hlanu ingqungqatela yamafama elase Maxhoseni, etoleni, ngase Cumakala, ukuxoxa ngomcimbi wobusela, yagqiba ekubeni izohlawayo zamasela enziwe zikulu, kwandiswe amapolisa, kumiswe abahloli be Lokeshoni kwakona.

IGQIZA lama ramente akwa Ngqika akwa Centane, belibhenele kwintlanganiso yabafundisi behlelo lawo. Ligoduke lanelisiwe kupetwa kwelotyala.—Lalikalazela impato yomfandisi walo. Kunga akungebuye kuvakale nto ngalowomcimbi; kuyanda ukungavisisani kwabafundisi nabantu.

U MR. I. WAUCHOPE, uzibalise indaba zabatunywa e Bhayi ngolwesi-Ne Iwegqitileyo, kwingqungqatela yemizi yonke yabantsundu balowomzi. Ingxelo sinosizi akuba singenasituba sayo kwelanamhla.

UMZI olunge kwa Gaga, uyakufumana into yokutyebisi amehlo kwisaziso sika Rulumeni, ngemihlaba azakuyihluta.

AMATYALA emantyi yase Johannesburg asingete amatyala amahlanu okubulala kanti ke noko sebesesihlanwini abanye ababanjwa abalinde Ijaji, kwangokubulala.

SIVA ngepepa lase Somerset East ukuba impilo ka Air. J. A. De Wet, Umpatiswa Bantsundu, isingisela ebubhetleni. Usefameni yake apo ngase Somerset East.

UBUKU lwesi-Bini lwaleveki lube lolabanda kunene, kumana kutshiza. Kakade libe likitika ezintabeni.

U MR. J. P. CUMMING obe sisandla ku Tsolo upakanyiselwe kwiwonga lobumantyi kwaku Tsolo apo endaweni ka Captain O’Connor, oya kwenye indawo.

Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE, JULY 18, 1889.

Ukuroxiswa kwe Pasi.

UYARORELWA u Rulumeni ngumzi wa Mabhulu ngokuyiroxisa i Pasi. Isizatu sikwaseso sidala — ontsundu uya kumpata imbengu u Rulumeni. Akasakumoyika, akasakumhlonela. ete yena wajokisa kwinto abeselezimisele ukuyenza nokuba ikohlakele, ukuze oyikwe ngontsundu. Ibiluluvo lwamalungu e Palamente awayexhase i Pasi olo, kute kodwa kwakuboniswana u Batunywa kwafun’ ukungati kuyasa. Amabhulu ateta lento mawaboniswe mhlope ukuba yeyona nto innika isihomo kuti u Rulumeni ukupulapula isililo sabantu bake, kanti ukuzingisa enkokhlakalweni kuba ebeselete wangena kuyo, kubangela ukuba ancanywe angakunjulelwa. I *Patriot* imlwa u Rulumeni kuba ehlekise nga Mabhulu. Iti “Amabhulu ayengamcelanga ukuba ayingenise i Pasi; kodwa eyingenisile ngeye ngayiroxisanga kwakufika Abatunywa. Ngoku boke beve ukuhlekwa ngu Mr. JABAVU.” Litsho elipepa elixa iyimivilo kowakuti umzi, edunyiswa u Rummeni ngento ayeenzileyo. Elinye ilungu le Palamente la Mabhulu libhalela kwi *Zaid Afrikaan* liti:

Ukuba ute u Kafile wantsembisa ngento yenze lonto. Umtembise ukum’beta —mbete. Umtembise umvuzo—mnike. Kokona aya kukoyika. Kupela kwento eqondwa ngu Mxhosa leyo. Akakolwa ukuba unokumenzela nto ngobubele. Ayakutini ke lamatyendyana matatu abatunywa akubuyela kwelase Maxhoseni Ayakuti, “Inkosi u de Wet ibisifa, yiyo lonto iroxisiweyo i Pasi!” Nento. Ayakuti u Rulumeni woyike tina batunywa — akabanga nako ukuwuhambisa umteto we Pasi.

Zizimvo zoluhlobo ekufuneka sizame ukubonisa ukungabi nyaniso kwazo.

EZABABHALELI.

ZIFUNENI, NIZIGQIBILE IGUSHA. NKOSI MHELELI.—I Tiyoloji yomfundisi u Rev J. J. Mcanyanga ayivisiseki, nencazelo yayo ayiqondakali. Uti uhlanga maluzifune luguquke, ngoko ke uti lepassi ilungile kuba sinezono zokuba igusha ne nkomo zamafama. Ukuba angaba akatsho ke, angaba ke uteta ntonina ngokuzifuna nokuguquka? Kuba nabantu alinganisa ngabo abaya u Josephus waya kubo babonile babulala u Msindisi. Kubonakala ke ngengeto ka “MISSING TEXT” ukuba nati sonile sibulela igusha zama Bhulu. Ke i Bill ixrovisive isikizi isipandziso isusiswe. Kwokul! Asilulo nohlanga ukugqoka umyina yini nje Lufana nohlanga lwase Nineve ekwati ngoku shumayela kuka Jonas Umprofeti lwaguquka. Nditsho kuba ite isiti tapu lentshumayelo etzi zifuneni nguquke, yayisiwa le Bill. Sifuna ukwazi ukuba nguwiipina ozakubulelwa, eko u Rev., ngentshumayelo yake yobuciko, beko atunywa? Manditi Mhleli, vula amehlo ngamaxesha anje ngala. Lentshunayela ukuba ibike yabonwa ngama Bhulu obeyakufumana isihlahla esiqinileyo sokubambelela kule pasi Zifuneni nizigqibile igusha zetu. Ipassi engqongpo into yokwenza okafike baguquke.

DAGGA BOER.

5 July, 1889.

SIPENI OTITSHALA.

MNUMZETU MHELELI.—Kesaginy’ amate nakusitumela otitshala, kodwa ngoku babuyele kwakuni, kude kufuduke otitshala babe babini ngenyanga enye, kunjalo, no rauxana sivabeza izetizo yabo epantsi, bati ngoku u Kumkani wase Tshatshi uzakuba yindoda yesibini kulawa aka ativa tupa yi Mvo ukuba ayafuneka kwaZulu, ngecala le Tshatshi. Siti ke kabinze Rini, nanizitile ze Qonce ne Ngqushwa emnyama, ukubizwa kambe kukutumela otitshala, i Hewu sekwenzi’ oko.

UMBONELI OMNCINANE. Herschel, June 20, 1889.

ISISEKELO SIKA MR. SIFONGOQA

NKOSI MHELELI, wondaba zamane akowetu, —Kaundifake lemgicana imbhalwa. Inene ndisuke ndanemfesane ngengeto ka Mr. Sifongoqa. Lim’engxangxasini yokuxhasa umqomboti. Ndisuke ndati ndakuyilesa Imvo ye 20 June, ndamangaliswa ukuba umntu exhasa umqomboti, kuba bendiba yinto eseyichaswe ngabantu bonke, oku kwenjweni nam ndixhasa umqomboti, nditi ulungile kukudla, akukonto ilunge nje ngomqomboti, bayalahleka abati umqomboti sisono. Angatitshala u Bungane ukuba sisono, umqomboti lo yijonanto betu esiti apo sakuhlangana ke sifunze uve toro selusizi Bungane ka Ntshele. Bayalahleka abantu bakowetu ukuti umqomboti awulunganga, nditi mna ulungile, kuba kuti nakulamaxesha asebusika iitwana esengwa ezibhokweni yanele abantwana, siti tina sipile yintwana yengxazozo, omana usiti wakutya iqhashu utate ibekile utobe iqhashu. Ndingati mfondini ka Lim’ engxangxasini ndiniswa mfo wakowetu, inene betu ndingati yiyo into esiyibambileyo umqomboti, kuba onke amasiko ka Bungane kwatwa masiwayeke, soyiswa ke sawayeka, mfo wakowetu ndingati ngelifupi umlungu usibambe ngengalo yokunene kuba asinasiko sisalenzayo kupela ngumqomboti lo wodwa nawo sesijinga nawo ngengalo yekholo kuba inkoliso seyiwuchasile. Xhasa mfondini. Ndiyolele Mhleli ndide ndagqitisa, manditshonele, ndim.

L. V. LUBANGENTSIPO. Cala Tembuled. June 28, 1889.

[Ezintote zimele umbhushi womzi utywala — sinosizi sazengenayo. Ye-yokugqibela le esinika elituba.—EDITOR MVO.]

OFUNA UKWAZI.

MR. EDITOR.—Ndingavuya undifakele lemgicana kwolepeka lako lidumileyo. Ndifuna ukwazi ukuba ngumzekelo mnina lo wenziswa ngobashumayeli, wokuti aba yangeli naba Kokeleli, bewenze bangakatyi. Guyana baba Vangeli bashweshe bahlale nala mashweshwekazi pambi ayise. Baze oyise bonwabe, bangabi nento, bangayibikeli ne Ramente isizatu sokuba bashweshwe onyana babo. Aze unyana womkokeli omisitise intombi yomyne umntu, nokuba zimbini, ayise ayisise ngokuhlala, ayekufisha enye, ayakutshata nayo etyalikelelwe ubizwe umtshato wake ngokuti ngumtshato omsulwa. Wahluke ngayina kotsbate nomfazi omncinane? Andibi kuyaliwana ukuba umntu makatshate nomfazi omncinane? Ababantwana bezintombi bazakutawka kuzo, kuba bahlaulelwe. Nabanye abakokeli bayakunceda omnye umkokeli, kuba besoyikela ababo onyana. Ngati elirathi lokuhlala loka lubandise ububi, xa lingenwe nangaba kokeli. Siba kufanelekile ukuti esikolweni umntu akuyonakalisa intombi yomntu ayitane. Umpna umnto we Ramente zangoku akukonto ingenamnto, upina?

Mandipele Mhle bendifanguni kuteta nto inkulu. Esako isicaka esikutandayo. MNCINANE.

IRAFU KA PELEM.

MHELELI *Wemvo Zabantsundu*.—Ndincede undifakele lamazwana ambalwa andimtu uhala ekukataza, kute ngomhla lamashumi mabini anantlanu enyangeni kwako intlanganisno apa e Macibeni enyayipetwe ngu Mr. Yuzi lo bati ngu Bushula Amaxhosa no. Mr. Pelem ikumsha. Bafike babonisa ukuba abantu bonke bafake amagama abo ukuba kwenzise umtandazo ku Rulumente wokuba Amabhulu ebhunga ukuba sigxotwe kulomhlaba wase Glen Grey, Amabhulu lawo atsho avumelana kunye nenxeny yamafama bafike babonisa bati u Rulumente unguyiswe wetu, unapulele naserafini 10 shilling’s nabantu ebembexeka u Rulumente abananyaniso, kakamsinyane bayakungena engozini. Babulela Abatembu, u Mvexiso Kula wabulela, wabulala pantsi u Mr. Yuzi, wesuka umfo ka Pelem waiika wachaza obake ubuhlobo ukuba yena ungumhlobo omkulu kuhlanga lwabantundu, wati yena noko kuko abantu abamane betada kakubi ngaye kodwa ke yena akanguye umntu otanda ukuteta ngomtu ngase, watsho wati bako nalapa abantu abanjalo, kodwa abasoze

banincede nto. Ute esand ukutsho, wati omnye umfo hai umfo onolwimi Zipina ibhokwe zetu watsho engabhekisi kuye. Ute omnye, E![!] kona betu eti nje ungumntu olungileyo lomsebenzi wokudla abantu chamba etshutshisa Ute kanti u Mr. Bushula uyivile lento itetwayo, wati nam udandikade ndimxelela ukuba makawuyeke lomsebenzi mbi lo wokudla abantu, kute emveni koku seva sekusitiwa indoda inye mayikupe isheleni ibenye inike u Mr. J. Pelem, yayenye into leyo, kodwa ngulamntu yena ebesiti ungumhlobo omkulu, yeyantoni lento ingaka yemali? Kwabonakala ukuba akuko nyaniso ekutwbululeni kwake izandla pambi kwentlanganisno esiti yena ungumhlobo ati ekugqibeleni abize imali kuzo zonke ezindawo ebeseza kuze ezintlanganisno ziloluhlobo e Qoqodala, e Mgqukwabe, e Kundulu, e Xonxa, e Bolotwa, e Macibeni, nakwezinye indawana. Ufuna kwezindawozonke intloko yendoda isheleni, umntu onjalo niti ke ngumhlobo na aqale agxeke abanye abantu ati kodwa ekugqibeleni abize imali enzini engenamsebenzi. Ndikumbula ilizwi elatetwa ngu mongameli wemcimbi yabantsundu, owati lendoda ukuba aniyitumkeli iyakumtshosisa Batembu, watsho ebusweni bayo, wati lendoda Batembu yikupeni pakati kwenu, elozwi liyinenle latetwa ngumfo wase Mabhulwini wonke Umtembu engqongdo uyalibona elozwi latetwa ngu De Wet. Undixolele mhlobo wam, ndenze inteto ende. Ndim.

TITUS MAHE. Emacibeni, June 1, 1889.

KWAKONA NDITI ZIFUNENI.

MKOSI MHELELI.— Kwakona sibone savuya epepeni leveki egqitileyo ngokuya kwamadodana atile e Cape Town, kwanesisa esenziwe ngu Rulumeni. Siwanqwenenelela impumlelo, nokuya silaziyo iqinga lezilumko ubuzulu balo, bengapumelelanga soba kwa tungumlomo. Amapepa elizwe ancedisene kakulu namadoda ecala letu ukuba konke oko kuposwe pantsi asazi. Assisokuyeka ukuti masizifune tina luhlanga luntundu, sibuyele kuye kubasissandla sako esipezu kwetu nenkosi zetu, watsho no Josephus kumawabo, Book V. Ch. IX & 3 & 4. Abusokusindaca nto bonke ubuciko namagama, kupela masibuyele kuye ukuze naye abuyele kuti. Nezo ntlanganisno zibeko kuxoxwe ngalento yetu nenkosi zetu, siyabizwa masisabise siye. Ndim.

J. J. MCANYANGWA. East London, 24 June, 1889.

IMIZAMO EMZIMKULU.

